



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION



NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 11

NOVEMBA 2022

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO (FAL)
IPHEPHA LESIBINI P2
(EXEMPLAR)**

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-15.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwisiquulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha linama CANDELO ama THATHU:

ICANDELO A:	Inoveli	(35)
ICANDELO B:	Idrama	(35)
ICANDELO C:	Imibongo	(35)

4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWE CANDELO NGALINYE ngononophelo.
5. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke; umbuzo NGAMNYE ukhethwa nakweliphina icandelo kula: A, B, no C.

ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

ICANDELO B: IDRAMA

Phendula imibuzo kumabali OMABINI abuziwewo

ICANDELO C: IMIBONGO

Phendula imibuzo ebuziwewo YOMIBINI.

6. Sebenzisa uluhlu lokukhangela lakukunceda.
7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
10. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwi CANDELO ngaLINYE.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI				
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.				
	INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	<i>Vuleka Mhlaba</i>	1	35	5–7
OKANYE				
ICANDELO B: IDRAMA				
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.				
2.	<i>Idayimani icholwa eluthulini</i>	2	35	8–12
OKANYE				
ICANDELO C: IMIBONGO: ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA – N. Gidi (Umhleli)				
Phendula imibuzo YOMIBINI kweli Candelo.				
3.1	Ukwidabi lobomi	3.1	18	12–13
3.2	Ixesha	3.2	17	14–15

ULUHLU LOKUKHANGELA

Kunyanzelekile ukuba ujongsise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA (✓)
A Inovelis (Vuleka Mhlaba!)	1	1	
OKANYE			
B Idrama (Idayimani icholwa eluthulini)	1	1	
OKANYE			
C IMIBONGO (Isihobe se-Afrika Entsha)	2	2	

QAPHELA: Phendula imibuzo ibe miBINI nakweliphi na icandelo kula: A, B, no C.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1: VULEKA MHLABA – NCEDILE SAULE

ISICATSHULWA A

1.1 Funda isicatshulwa esingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

“Unabantu bakhe uYehova, akuyazi loo nto?” utsho uJolela ekhomba phandle ngesandla esiphethe iglasi yotywala, laqa krolokoqo ithamo lokuggibela lotywala akugqiba, abe sekhwaza unobhara ukuba aze nobunye kwakunye neglasi yesithathu.

Uthe engena uBantu wabe sele emkhwebela etafileni awayehleli kuyo nomlingane wakhe uNtozonke, uTshezi, elinye lamagqwetha akwalapho eKapa eGugulethu.

ICassablanca Tavern eParow, yayiyindawo **enomkhoka** kakhulu.

Mhlawumbi yinto yokuba isendleleni, ekulula ke ngoko ukufikeleleka.

Ubungahlangana nazo zonke iindidi zabantu kuyo, kuziwe kubekwa ubilo okanye kuzokudityanelwa amadinga.

“Ingulo mfo ubusandula ukumkhusela enkundleni nje lo, uvela phi?” wabuza omnye ebukele uBantu ongakuhoyanga tu ukukhwetywa kwakhe nguJolela.

Uhambe waya kuhlala kwisitulo esikude phaya kuloo tafile babeleli kuyo, wacela ukuba makaziselwe isiselo, ukrakrayo.

Endaweni yokuphendula, uthe thuzu, thuzu ukuhleka uJolela, wawamilisela kumlingane wakhe amehlo.

“Le ntyewu wena isinde ngezikaSibi ekuxhonyweni. Kumatyala endakha ndawasingatha alikho ebelidlula eli leliya xoki libulele umkalo. Uyayazi le nto kuthiwa yiperfect murder; kuthethwa into eyenziwe nguBantu Zathu lowa.”

“Asinde umntu ebebulele umfazi wakhe ngokumasikizi ngoluya hlobo, hayi ayikholeleki le nto yenzekileyo.”

“Masibe sisithi wena iminyanya indijongile, kum lo msebenzi lubizo, yintwaso mhlawumbi ukuba ungumntu wesiXhosa, ndawuphiwa ngamawethu.”

1.1.1 Xela indawo ekuqhube kaJolela ethi, “Unabantu bakhe uYehova, akuyazi loo nto?” xa ethetha ngoBantu Zathu. (1)

1.1.2 Ngqina ukuchaneka kwentetho kaJolela ethi, “Unabantu bakhe uYehova, akuyazi loo nto?” xa ethetha ngoBantu Zathu. (2)

- 1.1.3 Sinika ngcinga ni isenzo sikaJolela sokukhwebela uBantu ecaleni kwakhe? (2)
- 1.1.4 Nika isithethantonye segama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)
- 1.1.5 Yintoni le uyaziyo wena ngoJolela angayaziyo uNtozonke? (2)
- 1.1.6 Nika umxholwana ovela kwesi sicatshulwa. (2)
- 1.1.7 Cacisa ukuba iCassablanca Tavern incedise njani ekukhuliseni ibali. (3)
- 1.1.8 Chonga amagama amaBINI ayenza ingabiyonyani inkaza kajolela ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)
- 1.1.9 Xela isizathu sokukhululwa kukaBantu entolongweni. (2)

KUNYE

1.2 ISICATSHULWA B

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Ukuba kukho into eyayimkhathaza uJolela sisilingo se *helicopter* eyayisoloko indanda phezu kwakhe, ithi ikweli cala, ibe ikweliya, ngaphambili, ngasemva, ekhohlo, ekunene nasentloko phezu kwakhe. Omnye umbuzo owamfikelayo ngowokuba uBantu lo yena ungena phi? Ingathi kanti kuhleliwe nje le nkewu izenza ipolisa apha kuye? Kwalandela neminye imibuzo engenazimpendulo.

Indlela iModderdam ihamba iyokuqhagamshelana neVoortrekker ephuma eBellville. Ngethamsanqa lakhe, wafika izibane ziluhlaza, kodwa ezihlisayo kwela cala wayeza kujikela ngakulo iimoto zazisekho, akalinda waphoseleka. Ephambili yasinda ngokuziqhobosha zitshise itha iibhreki ukuba zingangqubani *okweenkunzi zegusha*, wagqitha elambisile. Itekxi eyayisiza emva kwayo yangena yaphelela emsileni wale imisayo, ilawana elalivele liyinkabankaba ngefestile likhwaza abaya eBellville, kwabonwa ngalo libhabha emoyeni, laya kuwa ngathi lirhonya kweliya cala lendlela.

UBantu wabona isithutyanu esivulekileyo, wambonzeleka kuso, wanyanzelisa nangoku sele zisenza isankxwe ezinye zimkhalmela. Uninzi lwabantu lwaluphuma lusiya kweliya rhonya, abanye besiya kweziya ngxwelerha zeteksi. Yona yabetheka yajijeka isinqe, yajikeleza okwenja enesathuthwane, yaya kuxhasa ntiale ntlithi ngesigadla esasithwele izigodo, yasongana.

UJolela wakhweza ngendlela eya eKuilsriver, wayivuthela inqwelo yakhe, isenza uphinye phinye, tshe tshe, ithi yakufika zibomvu, athi thutshu, thutshu, zithi menye iikhamera ezibamba iimoto ezihamba ngesantya esiphezulu okanye eziggitha zibomvu.

- 1.2.1 Hlengahlengisa iziganeko ezilandelayo ngokwendlela ezilandelelana ngayo ebalini.
- (a) UBantu uzama ukuzibulala ngomsi wemoto kwigaraji yendlu yakhe.
 - (b) UBantu ubhaqa iovaroli nebhoso enkunkumeni.
 - (c) UBantu uzama ukuzibulala ngokuzeyelisela emlanjeni.
 - (d) UBantu undwendwela uDlamini esibhedlele. (4)
- 1.2.2 Chaza uvakalelo awayenalo uJolela oludizwa yinkcaza ekrwelelw umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (3)
- 1.2.3 Xela udidi lwesafobe esibhalwe bukekela kwisicatshulwa, ‘okweenkunzi zegusha’ (1)
- 1.2.4 Ngqina ukuba uBantu wathatha isigqibo esilungileyo ngokulandela uJolela. (2)
- 1.2.5 Tshatisa isixhobo soncwadi esikuKHOLAM A nenkcaza ekuKHOLAM B.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) ubuyo-mva	(i) Izenzo zomlinganiswa ziya-khabana nokwenza okanye ukuthetha kwakhe ebalini
(b) uzobo ngqo	(ii) Ibalu lisikrobisa kwiziganeko ezingekhli ebalini
(c) isigqebelo samazwi	(iii) Isimo somlinganiswa sica-ciswa gca ukuba sinjani ebalini (iv) Ibalu lisikrobisa kwiziganeko ezisele zidlule ebalini

(3 x 1) (3)

- 1.2.6 Thelekisa uJolela ekuthethwa ngaye kwisicatshulwa A kunye noJolela ekuthethwa ngaye kwisicatshulwa B. (2)
- 1.2.7 Ngqina ukuba limfanele uNoziqhamo igama athiywe lona kule noveli. (2)

AMANQAKU ECANDELO A 35**OKANYE**

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 2: IDAYIMANI ICHOLWA ELUTHULINI – ZAMA A. JAPHTA

2.1 ISICATSHULWA C

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

(Kusekuseni ngemini elandelayo kwakwigumbi likaNonkuthazo. Njeneg-siqhelo selevukile yena ulungiselela ukuphangela. Undwendwe Iwakhe, uMfanelo, usarhona alubonakalisi kulungiselela msebenzi.)

Nonkuthazo: (*Ezithethela*) Andiyazi ke le ndizinqikele yona apha nokuba iya kuzala nkomoni na. Kodwa makhe ndiyincekelele ndidiniwe kukuthenga yonke into ngokwam. (*Esondela ngasebhedini apha uMfanelo alele khona*) Bhut'Mfanelo vuka uhlambe ulungiselele ukuphangela.

Mfanelo: (*Evuka*) Musa ukuzenza umgcini wam, ndimdalala ndinako ukuzicingela.

Nonkuthazo: Into endingesokuze ndiyenze kukukushiya apha kule ndlu.
Nawe phuma uye emsebenzini niengam lo.

Mfanelo: (*Evakalelwa aphakame ebhedini*) Wazi ntoni ngobutitshala wena? Ukuba ubusazi nqowusazi ukuba ndisekhefini.

Nonkuthazo: Umsebenzi uyafana nomnye, kwaye likhefu lantoni elo untaguleni nje? Khona kutheni lithatha ithuba elide kangaka nje eli lakho?

Mfanelo: (*Efudumala ngumsindo*) Andiyondod'amfazi, andisoze ndiphendule loo mbuzo.

Nonkuthazo: Ngokunjalo ke bhuti, nam andingomfaz'andoda. Andisokuze ndizibone ndisondla engafuni kuphangela.

Mfanelo: Kha uthule undiphe amanzi ndihlambe.

Nonkuthazo: (*Empha amanzi ngesitya sokuhlambela*) Kanti ke ndinyanisile. Nam **ndiyahlawula** apha kwaye noku kutya ukukhwaza qho ndiyakuthenga. (*Akaphindanga watetha uMfanelo koko uqhubeke nokuhlamba. Unxibile, enxiba ihempe ebeyishiye ngezolo.*) Masiphume ndiyashiywa lixesha ngoku.

Mfanelo: Akukho “*breakfast*” kaloku?

Nonkuthazo: Yhu, awayibiza kamnandi tana. Ayikho ke wethu.

Mfanelo:	Kutheni wacubhuka mfondini?
Nonkuthazo:	Ndifanele wethu kuba andikhumbuli undinika mali yakuyithenga.
Mfanelo:	Sele undikhuphisa imali ngoku?
Nonkuthazo:	Andiboni nto imbi kuloo nto kuba ingathi sowuhlala apha ngoku.
Mfanelo:	Mh ... mh
Nonkuthazo	Masihambe ndiyashiywa lixesha.
MaNdaba:	Hee-e bafazi! Hamba Nonkuthazo kwezo ndawo! Ngoku sebephuma kanye ukuya emsebenzini. (<i>Ukrobe ngomnyango phandle</i>)
MaRhadebe:	Ngoobani na abo ngoku? Kanene wena MaNdaba.

- 2.1.1 Khankanya ulwazi olufumaneka kwizalathisi zeqonga ezisekuqaleni kwale ngxoxo. (1)
- 2.1.2 Ngqina ukuchaneka kwebinzana, "... le ndizinqikele yona..." xa uNonkuthazo ethetha ngoMfanelo. (2)
- 2.1.3 Ngcinga ni eziwa ngumbuzo uMfanelo awubhekisa kuNonkuthazo othi, "Wazi ntoni ngobutitshala wena?" (2)
- 2.1.4 Nika isithethantonye segama, **ndiyahlawula** elibhalwe ngqindilili kule ngxoxo. (2)
- 2.1.5 Chaza isiggibo esithathwe yinqununu yesikolo asebenza kuso uMfanelo ngeli xesha athi usekhefini? (2)
- 2.1.6 Nika umxholwana ovela kule ngxoxo. (2)
- 2.1.7 Cacisa ukuba isirhoxo sikaNomthombo sincedise njani ukukhulisa ibali. (3)
- 2.1.8 Xela isizathu sokwahlukana kukaMfanelo noNomthombo kule drama. (2)
- 2.1.9 Atyhila ntoni ngoMaNdaba amazwi abhalwe ngqindilili kule ngxoxo? (2)

KUNYE

2.2 ISICATSHULWA D

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Mfanelo:	(<i>Ejunge phantsi</i>) Ndimamele mkhuluwa.
Saziso:	Ewe kunjalo Mfanelo. Umama akaphilanga ngokwasemphefumlweni. Phofu unokuba unobangela uyawurhanelo.
Mfanelo:	Nakanye mkhuluwa, andinalonofifi. Mna kaloku ndikweli cala.
Saziso:	Nantso kanye ke Jola le nto ikhathaza umama. Ukhathazwa kukungagoduki kwakho ulaph'esapha.
Mfanelo:	Awu! Yintoni enokude ikhathaze umama endazi nje apho ndikhoyo.
Saziso:	Khumbula kaloku ukuba akuzange uxele apho uya khona mhla uhamba ungazange uxele naxa uhambayo. Inokuba walibala.
Mfanelo:	Ukuhamba kwam ekhaya ndandisekudandathekeni okukhulu. Izinto ezininzi ndazenza ndingacinganga.
Saziso:	Ewe Jola unyanisile. Ngoku noko unokuba uyacinga phambi kokuba wenze. Kutheni le nto ungasibhaleliyo, uchaze apho ukhoyo nokuba unjani na?
Mfanelo:	Bendikhe andaphangela wena mkhuluwa ithuba elide. Nangoku ndisandula ukubuyela emsebenzini ngokuncedwa ngulo sisi.
Saziso:	Ndive kakuhle Jola mninawa. Andithi kuwe ubhale uthumele imali, koko oku kokusazisa njengabantu bakokwenu. <u>Sele uncedwa ngoosisi odibana nabo esithubenijnejiphi thina?</u> <u>Salile ukukunceda?</u>
Mfanelo:	Noko bingingenakho ukunihlupha ngento yomsebenzi ndinawo nakugqiba ningapha kude. Kwaye ke ndiyindoda ndi ...

Saziso: Kodwa izenso zakho azikungqini oko. *Makhe sibeke ingca kuleyo* okwethutyan. Masize kule ndlela uhleli ngayo apha. Ingaba uyazalana nalo ‘sisi’ uhlala naye apha mninawa?

Mfanelo: Ndiyathandana naye, kwaye njengoko besele nditshilo undincede kakhulu.

2.2.1 Hlengahlengisa iziganeko ezilandelayo ngokwendlela ezilandeletana ngayo ebalini.

- (a) UNonkuthazo ubetha uNomthombo.
- (b) UNonkuthazo wenzelwa itheko lokwamkelwa kwaGontsi.
- (c) UNonkuthazo uhlalisana noMfanelo.
- (d) UNonkuthazo noMfanelo bayatshata.

(4)

2.2.2 Chaza uvakalelo awayenalo uSaziso oludizwa yinkcaza ekrwelelw umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. Xhasa impendulo yakho.

(2)

2.2.3 Tolika isaci esibhalwe bukekela, ‘*Makhe sibeke ingca kuleyo*’ kule ngxoxo.

(2)

2.2.4 Ngqina ukuba uNonkuthazo wathatha isigqibo esilungileyo ngokushiya uSaziso noMfanelo bexoxa.

(2)

2.2.5 Tshatisa isixhobo soncwadi esikuKHOLAM A nenkcaza ekuKHOLAM B.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Ubuyo-mva	(i) Izenzo zomlinganiswa ziyakhhabana nokwenza okanye ukuthetha kwakhe ebalini
(b) Uzobo ngqo	(ii) Ibalu lisikrobisa kwiziganeko ezingekehli ebalini.
(c) Isigqebelo samazwi	(iii) Isimo somlinganiswa sica-ciswa gca ukuba sinjani ebalini (iv) Ibalu lisikrobisa kwiziganeko ezisele zidlule ebalini

(3 x 1) (3)

- 2.2.6 Thelekisa uMfanelo ekuthethwa ngaye kwisicatshulwa A kunye noMfanelo ekuthethwa ngaye kwisicatshulwa B. (2)
- 2.2.7 Ngqina ukufaneleka kwegama athiywe lona uNonkuthazo kule drama. (2)

AMANQAKU ECANDELO B: **35**

OKANYE

ICANDELO C: ISIHOBE

Phendula yonke imibuzo esetwe kuyo yomiBINI imibongo oyifundileyo, oko kukuthi uMbuzo 3.1 noMbuzo 3.2.

UMBUZO 3: ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA – PN GIDI

ISICATSHULWA E

- 3.1 Funda umbongo ongezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UKWIDABI LOBOMI – M.M.M. DUKA

- | | | |
|----|--|---|
| 1 | Ukwidabi lobomi phantsi kwelanga. | 1 |
| 2 | Yilwa Jonindini! Lide lim'ilanga. | |
| 3 | Funza! Binza! Ayilolankenkenene eli . | |
| 4 | Woyise emfazweni, leloyiso eli . | |
| 5 | Noba umanxeba, bheka phambili. | 2 |
| 6 | Intlizayo imajaja, qengqa ugodo. | |
| 7 | Yomelela uqine, ungazigobh'izidlele. | |
| 8 | Hlehlala imbekaphambili kuphela. | |
| 9 | Sele <u>ulutywantsi</u> , zikhothe amanxeba. | 3 |
| 10 | Mus'ukunikezelu ube ngukhaka kampethu. | |
| 11 | Wophila lithemba lona aligwinti. | |
| 12 | Zuza uloyiso, udle ukubila kwakho. | |
| 13 | Abalah'l'izixhobo, ziintlanzi ezitshelwe ngamanzi. | 4 |
| 14 | Baphethuke basabe, abahlabi bekhangale. | |
| 15 | Babazizisulu kwiintshaba, baginywa nazimpukane. | |
| 16 | Bagcuntswa emiqolo, bazalwa, badla, bafa! | |
| 17 | Uloyiso lolwakho, kule mfazwe yobomi. | 5 |
| 18 | Wena khaliphandini woyisa ungekalwi. | |
| 19 | Ungahlehli amagwala afa engekalwi. | |
| 20 | Ungasabi ukuphila kunemingeni. | |
| 21 | I-Afrika siyakha ngaloo mingeni! | |

- 3.1.1 Ithetha nabani imbongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.1.2 Lihambelana njani nomxholo walo mbongo igama, ‘usemfazweni’ elikumqolo wesi-4 wombongo? (2)
- 3.1.3 Xela uhlobo lophindaphindo olubhalwe ngqindilili kwisitanza soku-1 salo mbongo. (1)
- 3.1.4 Chonga isibini samagama athetha into enye kwisitanza sesi-2 salo mbongo. (2)
- 3.1.5 Tolika umqolo wesi-8 walo mbongo. (2)
- 3.1.6 (a) Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elikrwelelwe phantsi kumqolo we-9 walo mbongo. (1)
- (b) Chaza okupuhhliswa ngulo mfanekiso-ngqondweni. (2)
- 3.1.7 Ufaniswa nantoni umntu onikezelayo ngokomqolo we-10 walo mbongo? (2)
- 3.1.8 Ithi imbongi ngumntu otheni odla ukubila kwebunzi lakhe ngokomqolo we-12 walo mbongo? (1)
- 3.1.9 Nika umongo wesitanza sesi-4 salo mbongo. (2)
- 3.1.10 Sibhekiselele kubani isakhi esibhalwe ngqindilili kumqolo wama-21? (1)

KUNYE

- 3.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

IXESHA – N.P.D. SIGENU

1	Ngunkqonkqonkqo kuvuk'amadoda.	1
2	Ngungongongo kuvuk'izazela.	
3	Ngunk-ri-nk-ri-nk-ri bavumbuluk'abafundi.	
4	Uncincinci yen'uthuthuzel'iintsana.	
5	Kukhal'iinkuku anduluk'amakhwenkwe.	2
6	Alandele oyise kungekakhal'isangquphu.	
7	Kuba hay'amadoda ukuxhaphaz'iidyongo	
8	Angquban'anexhala exhesha nexesha.	
9	Sibinindini sicand'amathafa.	3
10	Sisalath'indlela nok'iphindaphindwa.	
11	Unkanishe angcambaze elinde imizuzu.	
12	Anyathele kuhle nemitsi ilinganisiwe.	
13	Usiquququ ugqadambekweni ang'angaggiba.	4
14	Isingqi sona sinye noko sibamb'umxhelo.	
15	Kunggilwa mkhuba nok'athanda ukugxanya.	
16	Wakungxama kanene ungad'uggwidize.	
17	Ngumhlanguli maxa wambi sekulel'uthuli.	5
18	Ingqushu seyafefwa naziimvula.	
19	Idandalazis'inyani idid'amadoda esazi.	
20	Ayezilibel'ubuni kusaxand'ubuxoki.	
21	Ixesha lithambisa nezilonda kogruzukileyo.	6
22	Kanti yodula nenyano kolahlekisiweyo.	
23	Lakuham'ixesha ziyasongwa nezezolo.	
24	Lakuham'ixesha kuvele nent'ibingeyiyo.	

- 3.2.1 Dwelisa iindidi zabantu abakhankanywe kwisitanza soku-1 salo mbongo. (3)
- 3.2.2 Xela isixhobo sesandi esibhalwe ngqindilili kwisitanza soku-1 salo mbongo. (2)
- 3.2.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Kumqolo wesi-5 ixesha limelwe (ngamakhwenkwe/ziinkuku). (1)

- 3.2.4 Imbongi iludale njani undindwano kulo mbongo? (2)
- 3.2.5 Chaza isakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)
- 3.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama, 'angcambaze' elikumqolo we-11 lizisa ingcinga yokuhamba ...
A ngokugxanya.
B ngokungxama.
C ngokucotha.
D ngokubaleka. (1)
- 3.2.7 Xhasa imbono yokuba umqolo wama-24 nowe-19 iyathungelana. (2)
- 3.2.8 Nika umongo wesitanza sesi-5 salo mbongo. (2)
- 3.2.9 Chonga umqolo okwisitanza sesi-6 othetha ukuba umtyholwa useza kukhululeka ngokuhamba kwexesha. (2)

AMANQAKU ECANDELO C: 35
AMANQAKU EWONKE: 70